yezinye iiFPA.

Ezi ngcali ziyavuma ukuba i-Integrated Fire Management (i-IMF) sesona sicwangciso sobuchule silungileyo ekulawulweni kwengozi yemililo yasendle enwenwayo, yaye ezona FPA zisebenza ngempumelelo zamkele i-IMF. Le yindlela eneenkangeleko ezininzi nequka ukuthintelwa imililo engafunekiyo ngokwenziwa kwamabala okuthintela imililo nokutshiswa kweendawo ezithile okuselulawulweni; ukuyeka umlilo wasendle uvuthe xa oku kuyimfuneko ukuze amadlelo emvelo aphinde ahlume; ukushenxisa izityalo ezingabangeneleli, ezinokuphemba imililo emkhulu nengalawulekiyo; ukucima imililo yasendle enokutshisa izakhowo okanye iifama, nokufundisa nokuthetha ngemililo kwiidolophu needolophana ezijikelezileyo.

Akuyomfuneko ukuba abantu abahlala kwezo dolophu needolophana ukuba bajoyine iiFPA, nakuba aba bantu benokudlala indima ethile ngokukhuthaza amasebe omlilo aphantsi koomasipala babo ukuba ajoyine iFPA yasekuhlaleni, ukuyiseka xa ngaba ingekabikho, nokusebenzisa i-Integrated Fire Management.

IiFPA zibubonakalisile ubunganga bazo; ngoku umngeni kukuphucula ukusebenza kakuhle kwezo zingasebenzi kakuhle, nokuqinisisekisa uzinzo lwazo xa zizonke ngokwasezimalini. IiFPA zixhaswa ubukhulu becala ngezinto agida ngazo amalungu azo, ezifana nokusebenzisa izakhiwo kunye neendawo zokuchopha kweenqwelo-moya, kunye neentlawulo zokuba ngamalungu.

Ukuze iiFPA zikhule kakhulu, zidinga uncedo lokubonelela abanini-mhlaba ngezonto zoncedo –ukusuka kwiirediyo ukuya kwii-"bakkie sakkies", okanye iilori zamanzi – kunye neenkonzo zegosa leenkonzo ezizezinye zomlilo, elihamba lichazela abo kunokwenzeka babe ngamalungu ngomsebenzi weFPA ze linike iingcebiso kunye noncedo.

Umngeni kukunyusa inani lamalungu kwiFPA nganye ukusa kwinqanaba lokuba zikwazi ukuhlawula umvuzo wegosa leenkonzo ezizezinye.

"Siphakathi kwenyama nozipho," utsho njalo uPaul Gerber, umhlali-ngaphambili weFPA yoMzantsi Kapa. "Kufuneka sinyuse inani lamalungu ethu, kodwa ukuze sihlume sidinga izinto zoncedo."

IFynbos Fire Project ibonelela iiFPA ezikwingingqi yefynbos ngoncedo ukuze zikwazi ukuzixhasa ixesha elide. Olu ncedo luquka imivuzo yamagosa eenkonzo ezizezinye. Le projekthi inezinye iinjongo ezininzi zokuxhasa iiFPA ezikwingingqi yefynbos, kuquka ukunceda iiFPA zamkele isicwangciso se-Integrated Fire Management, ukuphucula umgangatho wolwazi oluqokelelweyo malunga nemozulu nokuvelisa iindlela zokukhuthaza ukutshintsha kokuziphatha phakathi kwabanini-mhlaba nemimandla esengozini.

Le projekthi liphulo elidla izigidi ezininzi zeerandi eliphakathi koRhulumente woMzantsi Afrika, isiCwangciso soPhuhliso seZizwe eziManyeneyo kunye neGlobal Environment Facility. Eyona njongo iphambili kukuphuhlisa umzekelo ozinzileyo wokulawulwa kwemililo ngenxa yokutshintsha kobume bezulu nonokuthi usetyenziswe eMzantsi Afrika ngokubanzi, nkqu nakwamanye amazwe.

Alithandabuzeki elokuba iiFPA zingakwazi ukuzixhasa ngokwazo, utsho njalo uPeter Dorrington, umphathi we-Umbrella FPA yaseNtshona Koloni nongunobhala wombutho wesizwe. "Kubonakala ngathi ezinye izithili aziyi kuphumelela, ngenxa yokuba abo bachaphazelekayo babonakala bengafundi kusebenzisana. Kodwa kwezinye, ngokuqinisekileyo ziza kusebenza.

"Ifuna ukulawulwa ngokungqongqo, kodwa sele siyayo loo nto kwiiFPA zethu. Iyamangalisa ngenene indlela ezisebenza ngayo ngokubambisana, yaye iphumelela gqitha."

Impendulo kukuqinisekisa ukuba umnini-mhlaba ngamnye onemfanelo esemthethweni yokulawulwa kwemililo, ujoyina iFPA kwindawo ahlala kuyo.

"Siyekile ukukhangela umzekelo osebenzayo wokulawulwa komlilo. Sele sinawo," utsho njalo. "Okunene esi sicwangciso simiselwe impumelelo."

- I-GEF Fynbos Fire Projekthi yasekwa ukuze kuxhaswe ukulungiswa nokudluliselwa kobugcisa kuwo onke amazwe asakhasayo ayinxalenye ye-United Nations Framework Convention on Climate Change (UNFCCC). Abanye abaxhasi bale projekthi baquka iSebe leSizwe leMicimbi yokusiNgqongileyo loMzantsi Afrika, ngokusebenzisa isiCwangciso sokuSebenzela Amanzi nesokuSebenza ngoMlilo, iSebe lezoLimo, amaHlathi nokuLoba, (eNtshona Koloni), imiButho yokuCima imiLilo, iFFA Group of Companies kunye nesiCwangciso so Phuhliso seZizwe eziManyeneyo.

* UJo-Anne Smetherham wayesakuba yintatheli esebenza kwiprojekthi iFynbos Fire esebenzela inkampani yemicimbi yoluntu iHWB Communications.

environmental affairs
Department: Environmental Affairs
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Western Cape Government

Province of the EASTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

UNDP
Empowered lives. Resilient nations.

gef

FFA GROUP OF COMPANIES
FIRST IN INTEGRATED FIRE MANAGEMENT



EYETHUPHA 2013
UNDOQO 02
FYNBOSFIRE IN THE NEWS
FYNBOSFIRE

# Ukhetho olunzima lungabanceda abanini-mhlaba bonge izigidi

NguJO-ANNE SMETHERHAM



Abanini-mhlaba kwiindawo ezisemaphandleni bajongene nokhetho olunzima ngokuphathelene nengozi yokunwenwa komlilo wasendle.

Bangayibetha ngokuphathelene nengoziyoku kubomi nepropati yabo – kunye neyabamelwane babo – okanye bangajoyina amalunge okuzama ukulawula le ngozi, incitshiswe kakhulu- baze bazisindise kwiindleko zokumangalelwa kubizwa izigidi.

Kukho umzekelo ovakalayo wendlela yokulawula ingozi yomlilo wasendle, kunye nobungqina obuvakalayo obubonisa ukuba le ndlela iyasebenza. Kwiminyaka embal-

wa edluleyo uDave Hodgson, umfama weluseni neenkomo waseLangkloof walahlekelwa yimibhobho yakhe yamanzi neengcingo kumlilo owabangelwa ngumbane. “Ngendilahlekelwe yinto eninzi, eninzi kakhulu, ukuba ubungekho uMbutho Wokucima imiLilo (iFPA),” utsho njalo. “Eyona nto ibaluleke kakhulu ngamanyathelo okuthintela. Sasinamabala atshisiweyo okuthintela umlilo ungadluli, abasebenzi abaqeqeshiweyo nelungiselelo lokucima umlilo elicwangciswe nelinatyiswe kakuhle gqitha.

“Ngaphambi kokubakho kweFPA, nabantu abaqeqeshwe ngokufanelekileyo, kwakukho abasebenzi ababehamba baye kucima imililo benxibe iidyasi zemvula zeplastiki. Ukuthintela kubaluleke ngeyona ndlela.”

Kuye kwasekwa iiFPA ezininzi kakhulu kwiindawo ezisemaphandleni elizweni ngokubanzi nasemaphethelweni eedolophu, kuthotyelwa umthetho iNational Veld and Forest Fire Act ka-1998. Lo mthetho uchaza iimfanelo zabanini-mhlaba ngokuphathelele imililo yasendle, iimfanelo zeeFPA ekulawuleni imililo nokuthintela imililo engafunekiyo, kunye neenkqubo ezimele zilandelwe xa kuqalisa imililo ngequbuliso.

Lo mThetho uthi nowuphi na umnini-mhlaba ekuthe kwaqalisa umlilo emhlabeni wakhe, okanye othe wanwenwa usuka emhlabeni wakhe, umele abe namabala alungisiweyo nagcinwa kakuhle okuthintela ukunwenwa kwemililo, kunye nokuqinisekisa ukuba unazo izixhobo, impahla ekhuselayo kunye nabantu abaqeqeshiweyo abafunekayo ukulwa naloo mililo.

Ukuba umlilo wasendle unwenwela emhlabeni womnye umntu, utshabalalise ipropati yakhe, umnini-mhlaba oqhambuke emhlabeni wakhe umlilo unobutyala ngokwemali. Kodwa ke, ngokuqhelekileyo amalungu eFPA akhuselekile kobu butyala, njengoko benakho ukungqina ukuba bathathe amanyathelo afanelekileyo okuthintela umonakalo.

Kanjalo banakho nokuthatha i-inshorensi yokuhlawulela indleko yabacimi-mlilo abaziingcali abacima le mililo, ekuthi kufuneke bayihlawule ngokwabo abo bangengomalungu.



I-FPA asingomkhosi wokucima umlilo; umthetho uthi kufuneka abanini-mhlaba babe nabasebenzi abathile abaqeqeshiweyo ekucimeni umlilo, kodwa bakwenza oku kuphepha xa bengekafiki abacimi-mlilo abasemthethweni nabathi bawuthathele kubo lo msebenzi.

Ukuba lilungu leFPA kungakudla nje iirandi ezimbalwa ngonyaka ukuba ungumnini-mhlaba wabucala, kuxhomekeka kubukhulu bepropati yakho.

Le ntlawulo iwafanele kakuhle amanyathelo anokumiselwa okuthintela imililo ingatshabalalisi iipropati zabo ze kuthintelwe namabango amakhulu asemthethweni anokuzalwa ngumlilo oqhambuka emhlabeni wabo ze unwenwe uye kutshabalalisa ipropati yabamelwane babo.

UCharl Du Plessis ngumphathi weGreater Cederberg FPA, ehlanganisa ummandla omalunga nama-98% omasipala waseWest Coast eNtshona Koloni, yaye ilawula ingozi yomlilo wasendle emhlabeni ozigidi ezibini zeehektare.

Imililo yakutshanje kwiintaba zeCederberg ibingenakoyiswa ukuba bekungekho ngenxa yamalinge alungelelaniswe kakuhle eFPA yeGreater Cederberg, utsho njalo. Le mililo ibigqugqisile kangangeeveki kwiindawo ekunzima ukufikelela kuzo eCederberg, kodwa iFPA ithintele nawuphi na umonakalo kwimihlaba yamafama okanye yamaseko ezinto ezisetyenziswayo.



Njengokuba kunjalo ngezinye iiFPA ezinkulu, iFPA yengingqi yeGreater Cederberg yahlulwahlulwe yaziiyunithi zolawulo, ukuze ikwazi ukulwa nemililo ekuhlaleni.

Enye iFPA enkulu nesebenza kakuhle yiFPA yoMzantsi Kapa, nayo ethatha indawo enkulu yomhlaba oziihektare ezizigidi ezine nehlanganisa iindawo zeNtshona Koloni neMpuma Koloni. Le FPA ihlanganisa yonke indawo yomasipala wesiThili sase-Eden, iTsitsikamma, iindawo zaseLangkloof naseBaviaanskloof.

Imibutho Yokucima imiLilo ilawula ingozi yemililo yasendle kwimiphetho yeedolophu, kwakunye neendawo ezisemaphandleni. UPhilip Prins, umphathi weSebe lokuLawulwa kwemiLilo kuMyezo weSizwe weTable Mountain, ubonisa ukuba bonke abanini-mhlaba kwiindawo ezikumphetho weKapa basengozini yokufikelwa ngumlilo wasendle.

Xa bezimele ngenkqay' elangeni, aba banini-mhlaba abanakukwazi ukukhawulelana neemfanelo ezingokomthetho zokuthintela nokucima imililo. Kodwa ke, oku kuyenzeka xa bejoyina uMbutho Wokucima imiLilo kuSinga-siqithi weKapa.

“Sifuna bonke abanini-mhlaba abakwiindawo ezikumphetho wedolophu babe yinxalenye yemizamo yethu,” utsho njalo uPrins.

Umsebenzi owenziwa ngamalungu eFPA kuSinga-siqithi weKapa ekuthinteleni, ekubhaqeni imililo yasendle nokulumkisa iGosa Lokucinywa kwemiLilo ngokuthe rhoqo ukhokelela ekucinyweni kwamadangatye ebeya kuthi ukuba ubungenziwanga ubeke engozini ipropati, waleke ngelitshoyo.

Umzekelo weFPA uye wakhula wafikelela kwinqanaba lephondo nesizwe. Ngoku kukho iiFPA ezisithuba ezinkulu – inye kwiphondo ngalinye – imela izinto ezibalulekileyo zamalungu ayo. Kukho umbutho omnye omkhulu wesizwe, iNational Veld Fire Management Advisory Forum (iNVFMAF), owasekwa ngasekuzeni kuphela konyaka ophelileyo ukuze kube lula ngemibutho yamaphondo ukuba ifunde omnye komnye, ukuqinisekisa ukuba kufikelelwa imigangatho efanayo nokumela iiFPA ekusebenzeni norhulumente.

UmThetho uthi kufuneka oomasipala basekuhlaleni kunye nowuphi na umnini-mhlaba karhulumente, kuquka imibutho yasekuhlaleni neyesizwe yolondolozo mhlaba efana neCape Nature kunye noSANParks, bajoyine iFPA yasekuhlaleni. Kanjalo umthetho uthi kunyanzelekile ukuba iFPA nganye iphuhlise isicwangciso sobuchule sokulawulwa kwemililo yasendle. Esi sicwangciso sobuchule siquka izicwangciso zokunxibelelanisa imizamo yayo neyezinye iiFPA emelene nazo, ukuze zikwazi ukusebenzisana ekulawuleni imililo ethi idlulele kwimida